361	ovalekileyo	Ukungena ntunja yakungena	Lo mgqomo ovalekileyo asikwazi ukuwuvula
362	okokuqala	Ukwenza isiqalo okanye kabutsha	Akakwazi uwenza lomsebenzi kuba umenza okokuqala, uyaqala uwenza
363	osesemncinane	Osengumntwana/ oselusana/ oselula	Unomntwana osemncinane
364	owayehlelelekile	Ukuhlupheka	Umntwana owayehlelelekile waphiwa iimpahla
365	oodadobawo	Oodade boyise	Oodadobawo bakhe bamthatha
366	ooMvulane	Isiduko	amaMvulane ngabantu abanobubele
367	owasezilalini	Umntu ohlala ezilalini	Wabachazela uba ungowasezilalini
368	ochubekileyo	Onengqondo/ okrelekrele	Ungumntwana ochubekileyo uNomsa
369	ongazivayo	Ukuthabatheka yinto	Akaziva ngomntwana wakhe
370	ongumshologukazi	Ilishwakazi	Yaba ngumshologukazi into yokulahleka kwakhe
371	ombambezeleyo	Omlibazisayo	NguSihle lo ombambezeleyo ngekudala emkile
372	qongqololo	Kuyigqibezela	Umalule wayithi qongqololo ibhekile yamarhewu
373	qinisekileyo	Ngaphandle kwamathandabuzo	Usiqinisekisile ukuba uyakuyenza lonto
374	qanjiweyo	Khethiweyo	Ayingawo la maculo aqanjiweyo la siwaculileyo

\\

375	qaqambayo	ukubanentlungu/ ukukhanya	UZine unezinyo eliqaqambayo/ Kubalulekile ukunxiba imibala eqaqambileyo ebusuku xa uhamba ngeenyawo
376	qoshelisisisa	Ukubeka izinto kwiindawo zazo ngokufanelekileyo/ ukufihla	Unovenkile wayiqoshelisisisa imali yakhe
377	sasingumpatsiyakazi	Sigcwele qhu/ sasisikhulu	Isisu somhambi sasingumpatsiyakazi emva kokutya umvubo
378	selibagqatsisisile	Selibatshisile	Selibagqatsisisile ilanga laseMelika
379	simgqubagqubane	Ubangwevu/kubamphatsha mpatsha/ ukugcwala uthuli	Safika simgqubagqubane luthuli lwaloo moya
380	sasibalungiselele	Yonke into yayime ngendlela	Abakhozi sasibalungiselele ukuze bangasokoli
381	sisithukuthezi	Isizungu	Sisithukuthezi esi undenzela sona ngokungabikho kwakho
382	sisisu	Indawo ecola ukutya emzimbeni womntu / wesilwanyana	Ubulewe sisisu umntwana wakhe
383	shwabeneyo	Ayolulwanga/ inamanya	Khutheni wanxiba ihempe eshwabeneyo
384	sesokudlalisa	Sesophuca/ ukonwabisa abantwana	Le ntambo yeyokudlalisa abantwana abancinci
385	sisilonda	Inxeba	Eli nxeba lijike labasisilonda ngenxa yentsholongwane
386	samagqiyazana	Seentombi ezintle	Likhulu inani lamagqhiyazana afuna ukuthatha inxaxheba
387	sokuzihlaziya	Ukwenzantsha/ ukuvuselela	Lifikile ixesha lokuzihlaziya inkcukacha zam
388	siligqabi	Umsindo	Usisi ebeligqabi ngumsindo ngenxa yokubethwa komntwana wakhe
389	sasintyiloza	Sasicula/ukukhwaza ngelizwi elincinci	Ikwayara yakhe yayintyiloza kamnandi
390	siliyeza	Siyanceda	Esi siselo siliyeza lokunyanga umkhuhlane
391	sangoMgqibelo	Usuku lwesithandathu evekini	Isikolo sethu sifundisa nangoMgqibelo
392	singoSeptemba	Inyanga yonyaka eyethoba	Isikhumbuzo sokuzalwa kwakhe singoSeptemba
393	segqirha	Umntu ovumisayo	Isikhalo segqirha sivakele ekuhlaleni
394	sisesigingqini	Endawo etshonileyo/ umngxuma	Imoto yakhe yaphelela kwesa sigingqi saseQonce
395	sibubuvuvu	Bububhanxa	Bubuvuvu obu undixalela bona ngemali yam

\\

396	samaNgesi	Sisilungu/ abantu abantetho isilungu	Isizwe samaNgesi siseBritane
397	sisigantsontso	Ngumntu omkhulu onamandla owondlekileyo	Sisigantsontso lo mfana
398	sesikadyakalashe	Sobuqhinga/ isilwanyana sasendle	Udyakalashe sesona silwanyana sinamaqhinga
399	sisiqingatha	Into eyohlulwe phakathi	Sisiqingatha sokuqala sonyaka esi
400	sasembizweni	Entlanganisweni	Usibonda ibinguye isithethi sokuqala sasembizweni
401	sabangahlambulukanga	Kungabikho nyulu	Abangahlambulukanga abantwana bakaZodwa
402	sisiyali	Isithukuthezi	Sisiyali sodwa ezilalini xa abantu besemisebenzini
403	sempindezelokazi	Ukuphindisa	Aylibaleku indlela awaziphindisela ngayo uThemba
404	sisekujikeleni	Sisekoneni	Ikliniki isekujikeleni kwesitalato
405	sasimlilisa	Sasimkhalisa	Isikhalo somntwana sasimlilisa unina
406	samabanga	Samabakala	Isikolo samabanga aphezulu sinootishala abaninzi
407	sinoxolwana	Kukuphola/ ukungaxoli ncam	Wafana wanoxolwana sisenzo somntakwabo
408	sasimjikele	Ukujika kwinto obuyithethile	Samjikela isihlobo sakhe esithembile
409	simaxhaphetshu	Ukungxama/ ukukhawulezisa	Wayemaxhaphetshu eleqa ixesha
410	sinokuqalisa	Ukuqala ukwenza into	Sinokuqalisa nanini na ukuthengisa amayeza
411	sizizamela	Sizenzela	Sizizamela ngokwethu imisebenzi
412	sesobuchwepheshe	Sisakhono/ iteknoloji	Unsesakhono sobuchwepheshe kwezobunjineli
413	sokudlala	Ukungayi thatheli ngqondweni into/ imidlalo/ imithambo / ukuzonwabisa	Esi sisikipa sokudlala sikabhuti
414	sinokuthakatha	Sobugqwirha	Kwilali yethu kuyathakathwa
415	sabakwantsasana	Samapolisa/ sabomthetho	Isithuthi sabakwantsasana sitshayiswe yibhasi
416	sasisenkangala	Indawo eyomileyo engenabantu	Umqhubi ubashiye enkangala abakhweli
417	silililiso	Sijongile	Utata liliso leli mkhaya
418	sakwaNomzamo	Igama lendawo/ lomntu	Amanqina athengiswa kwaNomzamo
419	sesiphephile	Sesisindile	uThixo uyasiphephisa kwizinto zonke
420	somhlolokazi	Umfazi obhujelwe yindoda	Lo mhlolokazi ungummelwane akaphilanga
421	somxholo	Intsingiselo	Uyakuthanda uphuma emxholweni kuba akamameli

\\

422	sokukruquka	Sokudikwa	Isizathu sokukruquka kwakhe ngabazali abangenanyani
423	samhlazisa	Ukuthetha kakubi	Intombi yakhe imhlazisile ngezenzo zakhe ezimbi
424	sasingaqhelekanga	Sasingaxhaphakanga	Isigqibo awasithathayo sasinga qhelekanga
425	sesomzuzwana	Sesexeshana	Ubumnandi bomzuzwana abuncedi
426	sesamandulo	Sesakudala	Mandulo abantwana babengabuzi xa bexelelwa
427	sesokugqibela	Sesokuvala/ sesokuqukumbela	Isiqendu sokugqibela sale ncwadi asivakali
428	samlandelisa	Ukwenza into emveni kwexesha ebelibekiwe/ ukukhapha	Salandelisa ngempahla yakhe emva kokumgxotha kwakhe
429	sababhujelweyo	Sabaswelekelweyo/ abazili/ sabafelweyo	Esi sinxibo sesababhujelweyo
430	sisidyoli	Ngumntu othunyiweyo ngokungxamisekileyo	Kwafika isidyoli sisibizela komkhulu
431	sitsolisiwe	Ukungqala	Walikhupha walitsolisa esithi akazuyiyenza loo nto
432	tshuphe	Ukuhlebela/Ukwazisa	Wamthela thsuphe indaba eziyimfihlelo
433	thsu	Ubumnyama	Kumnyama tshu xa kucime izibane
434	tshuu!	Ukubonisa ubunye	Umnye tshuu umntwana kaMmeli
435	tshotsho	Ikholisile/ uncedile	Uthe uLimise tshotsho kumhlobo wakhe akubethwa
436	tyhuu!	Isikhuzo	Umntwana uthe tyhuu akutshiswa sisidudu esandleni
437	tyhini!	Isikhuzo xa ungakholelwa	Tyhini! akeva kuxelelwa uLikho
438	tyokololo	Ukuthamba/ ukutyhafa ungakwazi kwenza nto	Ingalo zakhe zazityokololo emva kokutofwa kuzo zombini
439	tyhapha!	Umfameka/ ukungaboni kakuhle ngamehlo	Wambetha ngentonga wamtyhaphaza amehlo
440	tyhiliza	Ukutyhala	Umtyhilize wayokuwa kabuhlungu
441	tshitshiliza	Ukuhamba ngempundu phantsi	Phakama, yeka ukutshishiliza esitulweni
442	tyala	lima	Utata utyale umbona esitiyeni sakhe
443	tshwa	Ukufihla/ ukungena entweni	Wayithitshwa kwinxili yakhe loo mali
444	tywaa	Ukoneka into okanye ukuyijingisa	Khawuthi tywaa ingubo ecingweni
445	uxinizelelo	Ukuxakaniseka kwengqondo okanye	Zama ukuba ungabinalo uxinixelelo yile meko

\\

		komphefumlo	
446	ubomi	Impilo	Sibulela ukuphiwa ubomi nguMdali
447	ubudyubhudyubhu	Ubudyibhi-dyibhi, ubunyhiki-nyhiki	Le ndawo imdaka ibubudyubhudyubhu
448	ubukrelemnqa	Ukukhuthuza, isenzo sokugebenga	UMandla wenza ubukrelemnqa apha elalini
449	ubunyhukunyhuku	Imo yokuba mdaka/ yokungcola ngokugqithisileyo	Ayibobumdaka bubunyhukunyhuku
450	ubuso	Umphambili wentloko apho ufumana khona amehlo nempulo njalonjalo	Ubuso bakhe bunamaqhakuva
451	udladla	Yindawo eyakhiwe phandle ekugcinwa kuyo izikhwebu zampone	Udladla lungenwe ngamanzi
452	ufaniso	Ukufaniswa, ukulinganiswa	Kwenziwa ufaniso phakathi kwakhe noyise
453	uGushezakhe	Igama lo mntu elibhekiselele ekufihleni	UGushezakhe wayesebenza eRhawutini
454	ukuvolontiya	Ukusebenza ungaqashwanga mntu kwaye ungabhatalwa	Kubalulekile ukuvolontiya kuba uye ufumane amava omsebenzi
455	uhanjis'onkonzo	Ukwenzela umntu into ayidingayo	Uhanjis'onkonzo luhamba kakuhle eKapa
456	umnkcenkcesheli	Umntu onkcenkceshelayo/ ogalela amanzi kwizityalo okanye ingca	Umnkcenkcesheli uvula umsele emva kwendlu
457	ukhuphiswano	Ugqatso	Sathatha inxaxheba kukhuphiswano lweembaleki
458	uKhwetshube	Sisiduko	OoKhwetshube banobubele nomonde
459	ukonwaba	Ukuva kamnandi	Besonwabile kula mgidi kaSiya
460	ukuba	Ukuthatha into engeyoyakho ngenjongo yongabhaqwa/ ubusela	Ulnga uyakoyika ukuba izinto zabanye abantwana
461	ukucambalala	Ukulala	Umama uyathanda ukucambalala xa ediniwe
462	ukudala	Ukwenza into	uThixo wadala izulu nomhlaba
463	ukutya	Isixhaso sophefumlo	Umama usiphekela ukutya okumnandi
464	ukundlandlathekiswa	Ukubalekiswa ngendlela ongemelaniyo	Wayemndlandlathekisa umntwana enomsindo
465	ukudunga	Ukuphixanisa izinto/ ukuphazamisa	Wayeyidunga dunga loo ntlanganiso
466	ukudwekesha	Ukuthetha izinto ezingabambekiyo, intshwaqane	Oko evukile uyadwekesha
467	ukufuthelana	Ukuxinana de kubekho umoya	Kubalulekile ukufuthelana ngemiba ethile ukuze

\\

		oshushu/ ukuqeqeshana/ ukucaciselana	nihambe kunye
468	ukugeca	Ukuvula indlela ngokususa amatye, ingca, amahlahla, njl.	Amakhwenkwe ebeyokugeca ingca emasimini
469	ukugixa	Ukwenza into ngamandla/ ukuyisika inyama ibe zizixa ezikhulu/ ukukhala okungapheliyo	Abafazi bagixa basakuva umphanga wenkosi
470	ukugqebha	Ukukroboza, ukuntlekeza, ukubetha umntu aphume iinduma / ukuboleka into yomntu ungayibuyisi	Umalume wamgqeba elingophiyo utatomkhulu
471	ukugqitha	Ukudlula	Indlela eya emapoliseni igqitha esikolweni
472	ukugwadla	Ukuxoxa	Bagwadle inyewe yakwa mfundisi
473	ukugxabhagxabhisa	Ukukhawulezisa	Wayegxabhaghabisa kuba wayeshiywa lixesha
474	ukuhleba	Ukuthetha kakubi ngomntu ngasese ungcolisa igama lakhe	uNomonde wahleba uNomathemba kumyeni wakhe waza wachithwa emzini
475	ukujongelaphantsi	Ukungamboneli ntweni omnye umntu	Abantu bayathanda ukumjongelaphantsi umntu ongungantweni
476	ukukhweba	Ukujiwuza ingalo uyizisa ngakuye xa umbonisa umntu ukuba kufuneka eze kuwe/ ukubiza umntu usebenzisa izandla	Wamkhweba uTiti ukuba eze kuthi
477	ukukhwahlaza	Ukugqibezela/ ukuzama	Ummelwane ukhwahlaza entsimini azokuphekela abantwana
478	ukukorhola	Ukuqhula umntu/isilwanyane ngento enokumcaphukisa ngaxa limbi/ ukuxhokonxa/ ukuveza into elubala	uZipho unako ukukorhola umkhuluwa wakhe
479	ukurhorhozela	Ukulandela	Umntwana uye warhorhozela emva konina
480	ukumamelisisisa	Ukuphulaphulisisa	Abantwana bathi cwaka xa kuthetha utitshala ukuze bamamelisisise
481	ukumgxothisa	Ukumphelelisa ngomsebenzi/ indawo yokuhlala	Wamgxothisa emsebenzini

\\

482	ukuyondelelanisa	Ukulungisa	Wayiyondelelanisa intetho yakhe umongameli
483	ukumthakazelela	Ukumvuyela	Samthakazelele ubhuti xa wayebuya edyunivesiti
484	ukuncoma	Ukukhuthaza isenzo esihle ngokuthetha kamnandi ngaloo mntu usenzileyo	Bamncoma ngomsebenzi omhle awenzileyo
485	ukunganqanqatheki	Ukungalikhanuki icuba/ukutshaya	Yaphela iveki ubuti enganqanqatheki
486	ukungcangcazelisisa	Ukoyikisa de kushukume umzimba	UThembi wayengcangcazela kukoyika
487	ukungenelelisisa	Kukuzifakisisa	Wangenelela kwinto engamfuniyo
488	ukunkcunkca	Ukubaleka	Wayenkcunkca ukuya kwagqirha
489	ukunqaba	Ukuzifihla/ ukungafumaneki lula	UTshawe uyakwazi ukunqaba
490	ukunqukra	Kukubanenteshe	UJwarha unqukrile ngenxa yemali
491	umkhwetha	Inkwenkwe esesuthuni	Ootata bojisa umkhwetha
492	ukuqhaqhazelisisa	Ukugodola kushukume umlomo namazinyo abethane	Iimozulu yasesebusika iqhaqhazelisa amazinyo
493	ukuqhula	Ukugezela umntu ngendlela edlalayo	Umama uyathanda ukuqhula umalume
494	ukutyhwatyhwa	Kukungcangcazela ngenxa yoloyiko	Wayetyhwatyhwa akubona uyise ephethe isabhokwe
495	ukuxambulisana	Ukulwisana, ukuxabana ngento	UTata wasinqanda ngokuxambulisana nabantakwethu
496	ukuxhasa	Ukubonisa ukuhamba kunye nomntu okanye uluvo lwakhe ngokuthi uthethelele icala lakhe	Ndiyamxhasa umntakwethu lo kolu luvo lwakhe
497	ukuzinxwema	Ukuhambela kude entweni okanye emntwini othile	Kubalulekile ukuzinxwema kubantu abnezimilo ezimbi
498	ukuzixakekisa	Ukunaka okanye kukuzinika inkathazo yokugxuphuleka ezintweni ezikude kunawe	Wena uzixakekisa ngezinto ezikude le kuwe
499	ukwela	Ukukhuphela umbona/ umngqusho ukusuka esityeni ukuya kwesinye ngeenjongo zokukhetha olungileyo	Umama uyawela umngqusho xa ezakuwupheka
500	ukukakaza	Ukunyanzela umntu okanye	Walukakaza usana ngenxa yokungafuni ukutya

\\

		umntwana ukuba atye okanye asele into angayifuniyo, ngekankani	
501	ukuvavanya	Ukuhlola	Utitshala uyathanda ukuvavanya abafundi emva kokufundisa
502	ukuwhawha	Ukuthethisa, ukungxolisa (umntu) ngenxa yento ephuthileyo ayenzileyo	Wamu whawha ngesenzo awasenzayo
503	ukupepeza	Imvulana etsho kancinane ngokuthambileyo	Kuqala ukupepeza phandle
504	umhlantla	Isithuba phakathi kwamazinyo angaphambili	uSithembele unomhlantla omkhulu
505	ukungcwalisa	Ukuphakamisa igama likaThixo ngentetho nengcinga ezimsulwa/ ukwenza ngcwele / nyulu	Wamngcwalisa ngethetho emsulwa uThixo
506	ukuvelela	Ukuhambela umntu ingakumbi osengxakinin/ ongaphilanga	Kubalulekile ukumvelela umntu xa ekunqabele
507	ukuvalelisa	Ukubhabhayisa	Wavalelisa phambi kokuba ahambe
508	ukusabelisisa	Ukuqinisekisa	Wayisabelisisa imeko yakowabo
509	ukuxaba	Ukunqumleza ngokuvala indlela	Umthi wawuxabe endleleni kwaba nzima ukuhamba
510	ukwehlula	Ukwabela/ ukukhetha	Waba hlulela ngokulinganayo abantwana bakhe
511	ukuqondisa	Ukucacisela ngokwenzekileyo	Ndifuna ukuniqondisa imbali yale ndedeba
512	ukusokolisana	Ukwenzelana izinto zibenzima	Amaxhego ayasokolisana ebuhlanti
513	ukuthomalalisa	Ukuthothisa/ ukwehlisa	Wamthomalalisa kumsindo awayenawo
514	ukuthwalis'uxanduva	Ukwenziswa into engakufuniyo	Wamuthwalis' uxanduva lwabantwana bakhe
515	ukutshaza	Okobuso: ukujika bube mpatsha-mpatsha ngenxa yengqele/ ukuxweba	Abantwaba batshaza emva kokuqubha edamini
516	ukutshitshilizisa	Ukuthatha ithuba phambi kokuba usuke wenze into ofanele kukuyenza	Kudala ndithe kulomntana makakhwele ayokusebenza, kodwa nangoku usatshitshiliza apha ekhaya
517	ukutshukula	Ukuchukumiseka, ukhathazeke ufune	Le ndoda itshukule

\\

		ukulwa; ukucaphuka	
518	ukutwela	Ukuthetha izinto ubuzifihla ungaziva okanye unyanzelwa yimeko	Uthe akubethwa watwela
519	ukutyhila	Ukususa into egqumileyo kuze kuvele leyo igqunyiweyo	Abazalwana batyhile kwincwadi yeeNdumiso
520	ukuxhwaphazelisa	Isenzo esenziwa kukubila kwento	Amanzi ayexhwaphaza ukubila oku
521	ulugxa	Sisixhobo esisetyenziswa xa kulinywa/ kugrunjwa	Ndiboleke ulugxa kummelwane kuba ndisiya entsimini
522	ulusu	Yinyama yangaphakathi/ isikhumba	Ulusu luyingozi kubantu ebanenesifo seswekile
523	uluthi	Uswazi/ ukhuni	Uthe Lunga makaze noluthi olude azkumbetha ngalo
524	uluvo	Into oyicingayo	Singavuya ngokuva uluvo lwakho ngale meko
525	ulwabhice	Umcimbi ekungelula ukuwusombululula	L engxabano yababamelwane lulwabhice olubi
526	uMaKhwetshube	Sisiduko	UMaKhwetshube uyabathanda abantu
527	uMaRhadebe	Sisiduko	UMaRhadebe uyathanda ukunceda amahlwempu
528	umayijul'eyiganga	Kukwenza izinto ezininzi ngexesha elinye	Umama wam ngumajul'eyiganga ngenxa yokukhuthala
529	Umbamb'azihlalinto	Umntu ongakwazi ukugcina imfihlelo	Sukumxalela indaba zakho ngoba ungu mbamb' azihlalinto
530	umbiko	Isaziso ngokufa	Siwufumene umbiko wokusweleka kukaJola
531	umdiyadiya	Ilaphu lokwahlula amagumbi	Wabakroba ngaphaya komdiyadiya
532	umdla	Ukubonisa ufuna ukwenza into ethile/ ukutya	Wayebonakalisa umdla kwezemidlalo
533	umfana	Ubhuti	Ukhuthele la mfana wakwaDlamini
534	Umfanekiso-ngqondweni	Kukubanombono	Uyewanomfanekiso-ngqondweni wale nto ithethwayo
535	Umfanekiso-ntekelelo	Ingqikelelo	Xa ufunda zenzele umfanekiso-ntekelelo
536	Umfundisi-ntsapho	Tishala	Umfundisi-ntsapho ubanike umsebenzi abafundi
537	Umgaqo-nkqubo	Yindlela yokwenza	Waba nika umgaqo-nkqubo umphathi wabo
538	umgqwidikazi	Ukuphazama	Wagqwidiza ngendlela engafunekiyo

\\

539	Umhlala-phantsi	Kukuyeka ukuphangela wakufikelela ebudaleni	Wathatha umhlala-phantsi ukkapteni wamapolisa
540	umhloli	Ngumntu ojonga ukuba izinto zenziwa ngendlela eyiyo	Wafika umhloli ezohlola ukuba izinto zenziwe ngendlela eyiyo esikolweni
541	umhlolokazi	Umfazi obhujelwe ngumyeni	Umhlolokazi unxibe iimpahla ezimnyama thsu
542	umjelo	Umlanjana omncinci	Utata ugrumbe umjelo ukuze amanzi angangeni endlwini
543	umnqa	Into engaqhelekanga	Ibengumnqa into yokubhubha kwakhe
544	umntwan'asekhaya	Umntwana wakokwen / onzalwanaye	UZintle ungumntwan'asekhaya
545	umtshovalale	Butywala	USibeko usele umtshovalale
546	umvandedwa	Isazela	Uzive enomvandedwa sisenzo sakhe
547	umxhesho	Ukuleqeka/ ukutya okufunywanwa kwamlungu ngabasebenzi endaweni yemali	Wamxesha kuba seliphelile ixesha/ Umlumngu wabanika umxhesho wabo abasebenzi
548	umahlal'eshushu	Ngumntu osoloko enxilile	Umakazi ngumahlal'eshushu
549	umxhentsokazi	Ukutyityimba kakhulu	Atsho ngomxhentsokazi amagqirha kwaMncotshe
550	umxholo	Yinto ekuthethwa ngayo ngeloxesha	Uthini umxholo welo bali ulifundayo?
551	undoqo	Unobangela/uqobo/isizathu	Sicela owona ndoqo wengxabano yenu
552	ungumkhombandlela	Kukubonisa indlela yokwenza loo nto	Khawusinike umkhombandlela wokwenza eli siko
553	unontlalontle	Abantu abafundiswe ukujongana nentlalo yabantu	Unontlalontle wesi sithili uswelekile
554	unonxunguphalo	Akanwabanga	Uyewanxunguphala wokuziva ezondaba
555	unoqhakancu	Luhlanga lwabantu ababehlala endle apha eMzantsi Afrika	Onoqhakancu ngabantu bokuqala eMzansi Afrika
556	uqobo	Eyona yona	Kufunwa uqobo le I.D emapoliseni
557	usana	Umntwana osandokuzalwa	Luyakhula olu sana lukaLimise
558	uswazi	Ukhuni / uluthi olude olubhityileyo olusetyenziselwa ukubetha	Utata uthanda ukusibetha ngoswazi
559	utshintshatshintshile	Ungabinasigqibo / ukunika into omnye umntu ngenjongo yokuaba akunike enye into/ Ukunxiba / ukuba	Xa simbuza ngale ndaba umane etshintshatshintsha intetho/ UNomsa noLolo bayathanda ukutshintshatshintsha iimpahla

\\

		nezinto ezohlukileyo ngalo lonke ixesha	
560	uvuthondaba	Iziphumo zokugqibela	Sidesafikela kuvuthondaba lwayo le nyewe
561	uxambuliswano	Ukuphikisana	Kuye kwakho uxambuliswano phakathi kwabo
562	uxolo	Soke ungxengxeza, tarhu, ngxe	Uxolo ndonile.
563	umthandazwana	Umthadazo omfutshane	Batsho umthandazwana phambi kokuba bathathe uhambo
564	umsezeli	Ukumamela	Umsezeli weEndaba uyaphoxa ngamanye amaxesha
565	umxhamazeli	Ukuba ngapha nangapha	Oosisi bayathanda ukuxhamazela nalapho bangafuneki khona
566	umphothulokazi	Ngumvubo wombona ogutyiweyo omninzi	Waphaeka umphothulokazi ngenxa yenani labantwana
567	ukubhebhetha	Ukungafuni umamela	Uye wayibhebhetha loo ncoko wakuyiva
568	ukumhomha	Ukusela ngebhotile	Uyawamhomha amanzi ngala bhotile
569	uthotho	Izinto ezininzi	Ibiluthotho izinto ebekuthethwa ngazo
570	ukumpompa	Ukuhlohla	Uyimpompa ngendlela embi iparafini
571	ukubebezelisa	Ukucaphuka kushukume imilebe	Udadobawa ubebezelisa imilebe xa enomsindo
572	utyhatyhiwe	Into engenasiphelo	Uyawuhamba utyhatyhiwe wento lo mntwana
573	ukugruzuka	Ukukrweleka	Uthe xa ebaleka wawa wagruzuka
574	wawungqingqwa	Wawuqinisiwe/ wowulukhuni	Umthetho wasentolongweni wawungqingqwa
575	wayechwayitile	Owayedlamkakile/ owayegcobile/ owonwabileyo	UAgcobile wayengumntwana ochwayitileyo
576	wayekhwanqisiwe	Kukothuswa	Wakhwanqiswa yintetho yakhe
577	wayelingcambazisisa	Ukuhabisa umntu okanye isilwanyana kancincane ngokungamxheshi	Walingcambazisisa ithole kuba lingaphilanga
578	wayemaxhaphetshu	Ukuxakeka	Wayemaxhaphetshu ngosuku lo mgidi wonyana wakhe
579	wayemngcungcuthekisa	Ukungamonwabisi umntu	Wayemncungcuthekisa unkosikazi wakhe
580	wayingxengxezela	Wayicelela uxolo/itarhu	Wayingxengxezela impazamo awayenzayo
581	wayemnkinkqisa	Kukupha umntu ukutya ayo pheka	UZoleka wayemnkinkqisa ummelwane wakhe

\\

			kuba wayesokola
582	wayenendzondelelo	Kukuba nomonde	Wayenendzondelelo kuba wayengadikwa ngabantu
583	wayengadutyulwanga	Ungachanwa ngompu	Kuwo onke la masela uOnke nguye yedwa owayengadutyulwanga
584	wayengagxothwanga	Wayengamkiswanga/ wayengahambanga ngenkani	Wayengagxothwanga uLulama wazihambela ngokwakhe
585	wayengangcwatywanga	Ongafihlwanga phantsi komhlaba lowo ubhubhileyo/ Ungenzelwa mngcwabo	Yayimenzela intliziyo ebuhlungu into kamamakhe owayengangcwatywanga kuba kungekho mali
586	wayengaqapheleki	Wayengaqondakali	UKuhle wayengaqapheleki uba unobungozi kangaka
587	wayengaqhashambuli	Owayengakhabalazi , ukugqushalaza	Wayengaqhashambuli kodwa utyiwa ziimbovane
588	wayengasathandwa	Wayengesa nikwa okanye eboniswa uthando / wayecatshukelwa	Waxhothwa kuba engesathandwa ngumlingane wakhe
589	wayethsuthsuza	liqhumisa, likhwithisa emoyeni	Ixhwele lakhe lalithsuthsuza endlwini ligxotha izinto ezimdaka
590	wayengatyhalwanga	Wayengadudulwanga	ULizo wayengatyhalwanga mntu koko waziwela
591	wayengcungcuthekiswa	Wayephathwe kakubi / engonwatyiswanga nguloo mntu okanye loonto	Wemka kulandawo wayehlala kuyo kuba Umalume wayengcungcuthekiswa ngootsotsi
592	wayengumagcwalibhafu	Wayenomzimba omkhulu / wayetyebile eisidudla	UThembeka wayengumagcwalibhafu yedwa
593	wayengumakhwekhwetha	Umntu onamava anzulu emsebenzini othile okanye kwinkonzo ethile ayinikayo	UMnu Zembe wayengumakhwekhwetha womcuphi
594	wayengumchwephetshikazi	Wayeyingcalikazi / wayelichule	UQaqamba wayengumchwephetshikazi kwezolimo
595	wayenkwininkwiniza	Ukwenza isincwino okanye intetho ebonakalisa ukukhalaza	Ngenxa yentlungu owaye kuzo wayenkwininkwiniza
596	wayenobutshinitshini	Umntu ongenakuthenjwa nongafuni	Kwakunzima ukumsondeza ngenxa yobutshinitshini

\\

		kwenza msebenzi / inqenerha	awayenabo
597	wayenokubacacisela	Wayenokubanika ingcaciselo ethe vetshe	Wayenokubacacisela ntonje kwakungekho xesha laneleyo
598	wayesamatshekile	Wayexakiwe/ ukothuka	Wamatsheka utishala akuphendulwa ngumfundi
599	wayeshwantshatha	Ukushwaqa, ukuloqa / ukuthetha into engavakaliyo okanye engabambekiyo okanye engenatsingiselo	Usis wayeshwantshatha ethatha into engavakaliyo
600	wayeyingcangcazelela	Ukududuzela, ukutyityimba komzimba ngenxa yokoyika, umsindo okanye ingqele	Wathi wokuva into emehleleyo unyana wakhe wangcangcazela ngumsindo
601	wayezingxolela	Uuthethela phezulu ube ungabhekisi mntwini	Umntwana wayezingxolela nje
602	wayimfaxangisisa	Wayikhamisisa/ ukudidiyela	Buyavakala wawumfaxangisisa loo mqombothi
603	wamkrazulela	Ukuqwenga, ukudabula	Wathi xa emtsala wamkrazulela impahla
604	wamtywatyusha	Wayebetha	Uthe wakufika unyana wakhe engenzanga msebenzi wesikolo wamtywatyusha kanobom
605	wayenganxibisisanga	Wayengombethanga / ukunxiba iimpahla ezincinci ezibonisa umzimba	UXabi wayengaxibisisanga kuba wonke umzimba waubonakala
606	wasemaMpondweni	Umntu wase maMpondweni/ isiduko	UThabo ngumfana wasemaMpondweni
607	wayekhwezela	Ukuvuselela umlilo ngokudibanisa izikhuni	Wakhawuleza wayikhwezela ingekatshi loo mbiza
608	wayemkhohlisa	Wayengamxeleli bunyanyi	Kuba efuna ukuqweshu wamkhohlisa ukuze akhululeke
609	wayeyimbangela	Wayengunobangela yoba yenzeke loo nto / wayesisizathu	UNozuko waba ngunobangela waloo ngozi
610	waseGcuwa	Indawo	UNozipho ngumhlali waseGcuwa
611	wayewakhuphile	Ukubeka ngaphandle	Wayewakhuphile amatakane ebuhlanti
612	wasemkhondweni	Ukwenza into elinguleyo/ ukulandela	Isikolo saseMfuleni sibabeka emkhondweni abafundi baso/ Kuzakufuneka silandele lo mkhondo ukuze sifumane inyaniso

\\

613	wamoyelisela	Ukulahlekisa/ ukutshonisa	Wamoyelisela emgodini umkhozi wakhe
614	wayemonyanya	Ukucekisa/ ukucaphukela	Wayemonyanya ngenxa yobumdaka nobuxelegu
615	Wabalungiselela	Wabenzela lula/ wabenzelela	Wabalungiselela abantwana bakhe phambi kokuhamba kwakhe
616	waseKapa	Indawo	uGatyeni ngowaseKapa
617	weendlavini	Abantu abakrwada	Phaya kula mzi kugcwele iindlavini zodwa
618	yakwaRhadebe	Isiduko	Le nkomo yeyakwaRhadebe
619	yasemanantsini	Kungafuni ubiza isiduko	Intombi yasemantsini iyazidla ngobuntombi bayo
620	yayingantsokothanga	Yayingekhonzima/ yayilula	Ilula le mihobe ayintsokothanga
621	yayingaphononongwanga	Yayingacokiswanga	Wawungaphononongwanga kakuhle lo mba siwuchopheleyo
622	yayingowokuqala	Kwaqalwa ngaye	UZaza yayingumntwana wokuqala kaZizi
623	yayirhwatshaza	Yingxolo ephantsi	Asilali zimpuku ezikhrwatshazayo ebusuku
624	yayiselunxwemeni	Ekuqaleni kolwandle/ enyeleni	Yayiselunxwemeni inqanawe iTitanic
625	yayisemgangathwenikazi	Yayisezingeni eliphezulu	Ikonsati yaleveki iphelileyo yayisemgangathwenikazi
626	yayiyekaCanzibe	Inyanga yonyaka yesihlanu (uMeyi)	Ubusika buqala ngenyanga kaCanzibe
627	yayiyeyabasetyhini	Yayiyeyababhinqileyo / abafazi	Kudala le ndawo yayiyeyabasetyini bodwa
628	yayiyintlanganisela	Zazidibene	Abafundi benza intlanganisela yemali ukuze bafumane iziphumo zabo
629	yayiziingqekembekazi	Zazinkulu	Abahlali baqokelele ezona ngqekembekazi zamatye
630	yintsumantsumane	Yingxaki	Yitsumantsumane kele uza nayo
631	yokusaqhubekayo	Into eyenzekayo	Usaqhubeka la msebenzi kwaMaMiya
632	yayixhonkxosholo	Yayigcwele	Kwakuthe xhonkxosholo ecaweni ngemini yemngcwabo welungu lebandla
633	yangoLwesihlanu	Usuku lwesihlanu evikeni	Ndifuna umamela la nkqubo yangoLwesihlanu kunomathotholo
634	yekaDisemba	Inyanga yonyaka yokugqibela	Inyanga kaDisemba yeyokugqibela enyakeni
635	yekaNomathamsanqa	Into eyeka Nomathamsanqa/ igama lomntu	Le mali iphezu kwetafile yekaNomathamsanqa

\\

636	yibhekelisise	Ukubekela qelele/ kude kunendawo	Uye wayibhekelisa kuye ikiriva
637	yeyamanxila	Yeyabantu abathanda ukunxila / ukusela utywala/ abathanda ingoma/ inti ethile	Le ndlu yeyamanxila kwaye soloko kungxolwa
638	yangoLwesibini	Usuku lwesibini evekini ezaemvakoMvulo	Kuzabakho ntlangano yolutsha ngoLwesibini
639	yemfaxangiweyo	Butywala	Waqinisekisa ukuba iidiliya zimfaxangiwe kakuhle
640	yeyenxili	Yeyesingxobo	Unezinto azigcina kwinxili yakhe
641	zakwaGcaleka	Abantu bakwa Gcaleka/ indawo	Zintlle iintombi zakwaGcaleka
642	zazibharhumla	Ukulungela imeko/ zazikhonkotha	Izinja zakwaNkomo zazibharhumla ubusuku bonke
643	zazinentshongo	Umsizi wenqawa owenziwa kukutshaywa kwecuba	Iinqawa zamaxhego zazinentshongo eninzi
644	zazingangeenkwenkwezi	Zazininzi	Zazingangeekwenkwezi iinkomo zikaJwarha
645	zazingqothovu	Zazintle zibukeka	Iigusha zikaNtlane zingqothovu
646	zazingqabavu	Zazinganinzanga/ zazimbalwsa	Lo mfo zazingqabavu iibhokhwe zakhe
647	zengingqi	Zaloo ndawo/ zoluhlala	Inginqi nganye inendlela eyenza ngayo izinto
648	zezentlebendwane	Intetho engcolisa igama lomntu engeyonyaniso ethi isasazwe ngasese	indaba ezithethwe nguThoko ngoZandile zezentlebendwane
649	zicwangciswe	Zilungisiwe/ zibekwe ngendlela	Zicwangiswe kakuhle iinkuni
650	zikrebhekrebhe	Zazintle	Zazikrebhekrebhe iinkomo zala mzi
651	zingamaQhinebe	Isiduko	OoQhinebe ngabantu abanelunda ngesiduko sabo
652	zirhabaxa	Imithetho okanye imimiselo elukhuni	Ukumkani uDlanga ubeke izimiselo ezirhabaxa
653	zaseDelft	Indawo	Izindlu zasedelft zintle kakhulu
654	zaziyiloza	Ukuthi xa uculayo uphume ecaleni kuleyo ndlela kuculwa ngayo	Zaziyiloza iintombi ezazicula emcimbini kaTshawe
655	zeentsuku	Zeemini	Wathatha ikhefu leentsuku ezilishumi emsebenziin
656	zizihambele	Zazityelele	Kuba ziyazi indlela iibhokwe zizihambele ukuya emadlelweni
657	zidlala	Kungayithatheli nqondweni into	Bebehambe bedlala kodwa bathunyiwe ooKhanyisa

\\

658	zigoduka	Zisiya ekhayeni lazo	Naziya iinkomo zikaDlomo ziyagoduka
659	zamabel'entombi	Zinkomo ezikhutshwayo xa umntu emithise intombi	KwaJola bekukhutshwe ibhotile zamabel'entombi
660	zazizimisele	Ukuqiniseka ekwenzeni into	Zaphumelela ezifundweni zazo iintombi zakwa Dlamini kuba zazizimisele
661	zazinothandokazi	Ukuba nothando oluninzi	lititshalakazi zaseLwandle zazinothandokazi
662	zangoLwesibini	Usuku lwesibini evekini	Uzubukele iindaba zangoLwesibini ndizovela kuzo
663	zaziphononongwa	Zaziqinisekisiwe/ zazijongisisiwe	Iimvavanyo zesikolo sethu zaziphononongwa yinqununu
664	zasemnxebeni	zakwimfonomfono	Sizakuyigqibezela incoko yethu emnxebeni
665	zamanxila	Izinto zabantu abanxilayo / abasela utywala	uKhanya uyadikwa zizinto zamanxila
666	zazimxakile	Ukoyisakala	Zazimxakile izinja zakhe uAndile
667	zazinokumkhawulezela	Zazinokumngxamela	Iintshaba zakhe zazinokumkhawulezela zithanda
668	zazingaboni	Zazimfamekile	Zazingaboni ukuba andikho izihlobo zami
669	Zazinkone	Zazimdaka kakhulu	Iimbiza zaswmgidini zazinkone
670	zabakulomyeni	Zabasebumkhweni	Baye bazishiya iinkomo zakulomnyeni enkundleni
671	zaziziliza	Ukungainiseki	Abafundi babeziziliza ukunika iimpendulo
672	zizihlobo	Ukuhlobana/ ukuzalana/ oogxa	uAxolile noInganathi zizihlobo ezikhulu
673	zazingathobelani	Zazingahloniphani	Izizalwane zakwaJola zazingathobelani ingulowo ufuna kuviwe ngaye
674	zaseNatali	Indawo	Zintle intombi zaseNatali
675	zobuhlanga	Ucalucalulo ngokwebala lomntu	Banayo into yobuhlanga abafundi balapha
676	zityhwatyhwa	Zisoyika zingcangcazela	OoKhaya bayathwatyhwa kuba baza kubanjwa ngamapolisa